URhulumente
weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Colleen Abrahams**
ICandelo loLawulo lweeMviwo
Colleen.Abrahams@westerncape.gov.za | 021 467 2915

Inombolo yefayili: 20/3/5/4
Isalathiso: 20240129 -1280

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweeMviwo: 0001/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, nakwiiNtloko zezikolo zikarhulumente nezezikolo ezizimeleyo ezilungiselela abafundi kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

**Isihloko: Ukungqinisiswa kwengcaciso yabafundi beBakala 12 abakwi-*CEMIS* ukulungiselela uViwo lweSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*) lwango-2024**

1. Ngokomyalelo ovela kwiSebe leMfundo esiSiseko ingcaciso yomfundi weBakala 12 mayirekhodwe kwiSistim yoViwo kaZwelonke (*National Examination System*).

2. Le ngcaciso imfutshane mayifundwe neNgcaciso eMfutshane yoLwazi noLawulo lweNgcaciso 0001/2024 yomhla we-12 Disemba 2023, kunye neNgcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo 0001/2024 yomhla we-22 Januwari 2024, ngokulandelelanayo nezicacisa ulawulo nokusingathwa kotshintsho lwezifundo zabafundi nedatha yabafundi kwi-*CEMIS*.

3. Ingcaciso yabafundi ekwi-*CEMIS* iya kukhutshwa *(extracted*) yaye ikhutshelwe (*transferred)* kwiSistim yoViwo kaZwelonke (*National Examination System*) ukulungiselela iinjongo zoviwo. Onke amaphepha emibuzo namaxwebhu anxulumene noviwo aya kupakishwa aze athunyelwe ezikolweni ngokwedatha ye-*CEMIS* esayinelwe ziinqununu.

4. Izikolo zinethuba lokwenza izilungiso kwiinkcukacha zabafundi bazo kwi-*CEMIS*. Ngoku kuvuliwe ukusebenza kwe-*CEMIS* ukulungiselela ukuba izikolo zenze ezi zilungiso.

5. Oku kungqininiswa kwengcaciso yabafundi kuya kuba lithuba lokugqibela elenzelwe ukuba izikolo zenze izilungiso kwingcaciso yabafundi beBakala 12 ekwi-*CEMIS* phambi kokuba idatha ikhutshelwe *(transferred)* kwiSistim yoViwo kaZwelonke (*National Examination System*).

6. Izikolo ziya kwenza inkqubo yokungqinisiswa, yokusayinelwa yaye zingenise ingxelo kumagosa akwaNdlunkulu angqinisisa ukuba yonke ingcaciso yabafundi ekwi-*CEMIS* yechanekileyo yaye ikulungele ukukhutshelwa (*transfer)* kwiSistim yoViwo kaZwelonke (*National Examination System*).

7. Iinqununu mazingqinisise ingcaciso yabafundi, ziyisayinele yaye zingenise izatifikethi zokuthotyelwa kwemigaqo (**isiHlomelo A**) kumagosa achaphazelekayo abhalwe **kwiTheyibhili 1 ungadlulanga uMvulo, we-26 Februwari 2024**.

8. **Ukungqinisiswa kwengcaciso yabafundi**

8.1 Kuyeyona nto ibalulekileyo ukutshekisha upelo lwamagama apheleleyo neefani zabafundi. Mawabhalwe njengokuba ebhaliwe kwisazisi/kwisatifikethi sokuzalwa/kwipasipothi yomfundi.

8.2 Ukuba abafundi **batshintsha amagama okanye iifani zabo, ngethuba lokubhala uviwo lwe-*NSC* lweBakala 12 okanye kwiintsuku eziyi-30** emva kokuba kuphume iziphumo ze-*NSC* zeBakala 12, mabazise iSebe leMfundo leNtshona Koloni (i-*WCED*) ngokuthi bangenise iikopi eziqinisekisiweyo zezazisi (*ID*s) zabo ezidala nezitsha ne-afidavithi echaza isizathu sokuba kutheni kwenziwe utshintsho. La maxwebhu mawathunyelwe kumagosa oviwo achaphazelekayo adweliswe **kwiTheyibhili 1.**

8.3 **Inombolo yesazisi** yomfundi **licandelo elinyanzelekileyo** ngokweSistim yoViwo kaZwelonke (*National Examination System*). Kubaluleke gqitha ukuba bonke abafundi benze isicelo sesazisi (*ID*) bekwiBakala 10. Ngeli thuba, makusetyenziswe inombolo yesatifikethi sokuzalwa.

8.4 Kucelwa nicebise abazali ngenkqubo yokwenza isicelo se-*ID* esenziwa kwiSebe lezeMicimbi yezeKhaya (*DHA*) kwangethuba. Iinqununu ziyakhunjuzwa ngeSetyhula 0053/2021 yomhla we-09 Matshi 2022 engokwamkelwa kwabafundi baseMzantsi Afrika nabangengabo abemi baseMzantsi Afrika abangenawo amaxwebhu asemthethweni yaye ziyacelwa ukuba zibancedise abazali, apho kunokwenzeka, ngokuyiququzelela le nkqubo neSebe i-*DHA*.

8.5 Abafundi **abangengabo abemi beli lizwe (*non-citizens*) (kuqukwa nabafundi bamanye amazwe abahlala isigxina kweli lizwe *(immigrants*)),** mababe nepasipothi esemthethweni (*valid passport*) okanye ipemithi yokufunda (*study permit*). Amaxwebhu ii-*Asylum seeker documents* aya kwamkeleka. Abafundi abangengabo abemi beli lizwe abayinxalenye yesistim yesikolo yaseMzantsi Afrika (*South African schooling system*), kodwa bangabinawo amaxwebhu ayimfuneko okubhalisela uviwo lwe-*NSC* ngo-2024, baya kuvunyelwa ukuba babhalisele uviwo.

8.6 Abafundi abaneemfuno ezizodwa abakhetha ukubhala uviwo lwesatifikethi se-*NSC* esi-endosiweyo (*endorsed NSC)* nabebefunda izifundo ezingaphantsi kwezisixhenxe mababonakaliswe ngolo hlobo kwi-*CEMIS*.

8.7 **Inombolo yeselula yomzali womfundi/yomgcini womfundi ilicandelo elinyanzelekileyo.** ISebe i-*WCED* lisebenzisa iinkonzo ze-*SMS* ukwazisa abafundi ingcaciso ebalulekileyo emalunga noviwo.

8.8 Kucelwa niqaphele ukuba ingcaciso yomfundi weBakala 12 engachanekanga kwi-*CEMIS* inokuchaphazela iziphumo zesikolo zokuphela konyaka zeBakala 12/zematriki.

**ITHEYIBHILI 1**

| Isithili | Igosa elenza lo msebenzi | Inombolo yefoni | I-imeyili |
|---|---|---|---|
| Metro North | Johnnie Isaacs<br>Ruth Hope | 021 467 2974<br>021 467 2518 | Johnnie.Isaacs@westerncape.gov.za<br>Ruth.Hope@westerncape.gov.za |
| Metro Central | Toni Masela<br>Lisa Kansley | 021 467 2937<br>021 828 5538 | Toni.Masela@westerncape.gov.za<br>Lisa.Kansley@westerncape.gov.za |
| Metro South | Margaret Janda<br>Peggy Thomas | 021 467 2440<br>021 467 2930 | Margaret.Janda@westerncape.gov.za<br>Peggy.Thomas@westerncape.gov.za |
| Metro East | Gideon Dilgee<br>Silumko Joka | 021 467 2941<br>021 467 2519 | Gideon.Dilgee@westerncape.gov.za<br>Silumko.Joka@westerncape.gov.za |
| West Coast | Robin Jacobs | 021 467 2940 | Robin.Jacobs@westerncape.gov.za |
| Cape Winelands | Desire Rhode<br>Gabriella Fleurs | 021 467 2732<br>021 467 2401 | Desire.Rhode@westerncape.gov.za<br>Gabriella.Fleurs@westerncape.gov.za |
| Overberg | Robin Jacobs | 021 467 2940 | Robin.Jacobs@westerncape.gov.za |
| Eden and Central Karoo | Miche van Schoor<br>Jamy-Lee Britz | 021 467 2914<br>021 467 2953 | Miche.vanSchoor@westerncape.gov.za<br>Jamy-Lee.Britz@westerncape.gov.za |

9. Le ngcaciso imfutshane mayihanjiswe kubo bonke abaququzeleli beBakala 12 bezikolo nabalawuli be-*CEMIS*.

**ISAYINWE:** NGU H MAHOMED
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO**
**UMHLA:** 2024-01-31